CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

**ISISHWANKATHELO SOHLAZIYO LUKA2026 LWESICWANGCISO SEZOTHUTHO NGOKUHLANGENEYO ESIBANZI SANGO2023-2028 ("CITP")**

ICITP yango2023-2028 yeSixeko saseKapa yathi yaphunyezwa ngoMeyi 2023, kwaye uhlaziyo lwesibini lonyaka oluquka izongezelele neenguqu sele luyiliwe. Oku kwenzelwa ukuthobela uMthetho weSize ongezoMhlaba weZothutho onguNomb 5 wango2029 ((NLTA)[4] kunye neemfuno ezingezantsi uKulungiselela iziCwangciso zezoThutho eziHlanganisiweyo[5]. Once approved, this document will become the second supplementary report to the five-year CITP. Xa sele kuphunyeziwe, olu xwebhu luyakuba yingxelo yesibini eyongezelelweyo yeminyaka emihlanu yeCITP.

Uhlaziyo lonyaka lango2026 luqwalasela ulwazi olutsha, iingcinga zamva nje, kunye notshintsho kwizicwangciso, kwiiprojekthi, kwiinkqubo nakwiibhajethi. Inika ingxelo ngenkqubelaphambili kunye nempumelelo ephambili ekumiselweni kweCITP kunyaka ophelileyo, kwaye iphendula izimvo ezenziwe lilungu leSigqeba seBhunga laseNtshona Koloni (MEC) elijongene neMicimbi yezoThutho ngexesha lokuphunyezwa koHlaziyo lweCITP lango2024, oko kukuthi, uhlaziyo lokuqala lonyaka.

Iinguqu eziphambili kwizahluko zeCITP zithe zashwankathelwa kwitheyibhile engezantsi:

| NOMB. | ISAHLUKO | IINGUQU EZENZIWEYO |
|---|---|---|
| 1 | **Intshayelelo** | i. Ithe yahlaziyelwa ukubonisa uhlaziyo lwesibini kunye nengxelo eyongezelelweyo<br>ii. Yongeze iimpendulo zeSixeko ngokujoliswe kwizimvo zikaMEC (ezikhapha isiphumezo sokuhlaziywa kweCITP ka2024). ISixeko sithe saphendula ngokubhala kwizimvo ezongezelelweyo zikaMEC ezimalunga nezoThutho kwi CITP 2023-2028, kwaye sikulungele ukuxoxa neSebe lezoThutho laseNtshona Koloni.<br>iii. Ithe yaquka impumelelo ephambili yeSixeko ngokujoliswe kwezothutho edolophini ukususela kuHlaziyo lweCITP luka2024(oko kukuthi, |

| NOMB. | ISAHLUKO | IINGUQU EZENZIWEYO |
|---|---|---|
| | | iv. ukususela ngoMeyi 2024 ukuya ngoMeyi 2026). |
| **2** | **Umbono neeNjongo zezothutho** | i. Umbono usamile: Bonke abantu mabafikelele ngokufanelekileyo kwiindawo ezahlukeneyo ezinamathuba oko bekwenza ngendlela ezinzileyo neqinisekisa **isidima.**"<br>ii. Kongezwe icandelo elitsha kuxilongo elongesicwangcisobuchule esijoliswe kwingxaki esembindini, sokuba<br>iii. :"*Iindleko zokuhamba ngezithuthi zikawonkewonke nendlela yokuhamba ekhawulezileyo ziphezulu kakhulu kwiintsapho ezinengeniso ephantsi nephakathi nendawo*" |
| **3** | **IRejista yezoThutho** | Ihlaziywe ngokwedatha entsha kunye nolwazi olumalunga neenkonzo zothutho zakutshanje kunye neenkcukacha zabemi ezinxulumene noko. Oku kuquka ulwazi lwamva nje malunga nokuphuculwa kokusetyenziswa kweenqwelomafutha zikaloliwe kunye nohlalutyo lwendlela yokuhamba iyonke, phakathi kwezinye izinto. Utheybhuli 3.1 ubonelela ngeenkcukacha ezithe vetshe malunga nokuba ngawaphi amacandelo ahlaziyiweyo. |
| **4** | **ISakheko soPhuhliso lwamaBala kaMasipala** | i. Sibonelela ngohlaziyo olumalunga nokulungelelaniswa komhlaba ongamabala nocwangciso lwezothutho kunye |

| NOMB. | ISAHLUKO | IINGUQU EZENZIWEYO |
|---|---|---|
| | | nokumiselwa kwako.<br>ii. Provides new information on the planning done to support economic development at priority precincts, namely the Cape Town, Bellville, Claremont and Wynberg CBDs, as well as the Philippi Opportunity Area (POA). |
| **5** | **Uphononongo lweemfuno zezoThutho** | i. Lubonelela ngophononongo lweemfuno zezothutho oluhlaziyiweyo ngokungqinelana neengcinga zobuchule zakutshanje malunga neemfuno zabakhweli nezothutho lweempahla |
| **6** | **IsiCwangciso sezoThutho lukaWonkewonke** | Kubonelelwe ngeenkcukacha ezihlaziyiweyo phantsi kwesihlomelo 6.<br>Isahluko siquka isishwankathelo sezinto ezihlaziyiweyo. |
| **7** | **Isicwangcisobuchule esingeziseko ezingundoqo zezothutho** | Kongezwe izahluko ezintsha:<br>i. Umgaqonkqubo okhokelayo ongesicwangcisobuchule seziseko ezingundoqo sezothutho; kwakhona<br>Ukubekwa phambili kweeprojekthi. |
| **8** | **iSicwangcisobuchule esingoLawulo lweMfuneko engezoHambo** | Sibonelela ngolwazi olutsha malunga noyilo lwesiCwangcisobuchule esingoLawulo lweeMfuno zoHambo (TDM) esihlaziyiweyo, kuquka (phakathi kwezinye zinto):<br>i. Iziphumo ezingundoqo ezivela kuvavanyo lwesiCwangciso seTDM sango2017; kwakhona<br>ii. Nesiphakamiso samanyathelo |

| NOMB. | ISAHLUKO | IINGUQU EZENZIWEYO |
|---|---|---|
| | | angoLawulo lweMfuneko engezoHambo eKapa sisekelwe kumaqela wamanyathelo ayi5: ngokuzithandela; ngokusekelwe kumaziko; iziseko ezingundoqo; imigaqo namaxabiso. |
| **9** | **ISicwangciso esingezoThutho ezingaDumiyo** | i. Sibonelela ngolwazi olutsha malunga nesiCwangcisobuchule esitsha esingabahambi ngeenyawo nabukhwela ibhaysekile sango2025.<br>ii. Sihlaziyelwe ukuze sibonakalise iinkqubа neeprojekthi zeSixeko ezingpHambo olukhawulezayo kwiminyaka emihlanu (5) ezayo. |
| **10** | **ISicwangcisobuchule esingoLawulo lokuThuthwa kweMithwalo** | i. Sibonelela ngesishwankathelo esiluyilo, nesiCwangcisobuchule esingoLawulo lokuThuthwa kwempahla esihlaziyiweyo. |
| **11** | **IziCwangcisobuchule zezoThutho ezingezinye** | i. Sihlaziya isiCwangcisobuchule esiluyilo esingoKhuseleko eziNdleleni kunye neeNkqubo zoMgaqonkqulo eziluyilo ezingokuThomalalisa uGxalathelwano lweziThuthi<br>ii. Sibonelela ngolwazi olutsha malunga:<br>a. NoMgaqonkqubo ongokuFikelela koMntu wonke kwezoThutho eziFikelelekayo; kwakhona<br>b. NesiCwangciso |

| NOMB. | ISAHLUKO | IINGUQU EZENZIWEYO |
|---|---|---|
| | | soNyanzeliso loMthetho sezoThutho lukaWonkewonke |
| 12 | **Ukumiselwa kweendlela zohlengahlengiso lomhlaba ongamabala ukulungiselela ukuxhasa ukufikeleleka** | Iindlela ezihlaziyiweyo ukulungiselela uhlengahlengiso olulula lomhlaba ongamabala |
| 13 | **IiNkqubo ezingesiCwangcisobuchule seNgxowamali nesishwankathelo seZiphakamiso** | i. Zihlaziye isishwankathelo seziphakamiso, isicwangcisobuchule sengxowamali kunye nohlahlolwabiwomali.<br>ii. Isahluko sikwalungiswe ngokutsha ukulungiselela ukubonisa “iimfuno ezingundoqo”. |
| 14 | **Inkqubo yentathonxaxheba yoluntu** | i. Isahluko sitshintshwe igama sasuka kwelithi “inkqubo yentathonxaxheba yoluntu” saya kwelithi “inkqubo engokubonisana nabo bachaphazelekayo” ngokungqinelana neemfuno ezisezantsi ezandisa umda walo.<br>ii. Ihlaziyiwe ngokwengcaciso yenkqubo yentathonxaxheba yoluntu yakutshanje |
| App. 2 | **Isicwangcisobuchule esingengxowamali** | Sihlaziyiwe ukuze sibonise iinkcukacha ezintsha zebhajethi |
| App. 4 | **ILeta yeSiphumezo kunye neMemo eXhasayo kaMEC** | Ifakiwe ileta yesiphumezo sohlaziyo lweCITP ka2024 |

| NOMB. | ISAHLUKO | IINGUQU EZENZIWEYO |
|---|---|---|
| **App. 6** | **Isicwangciso esingezothutho lukawonkewonke** | **Esi sisona songezo sikhulu kwiCITP:**<br>i. Sibonelela ngezaziso malunga nesiCwangciso soThutho lukaWonkewonke, kuquka izaziso ezisekelwe kwisiCwangciso soNxibelelwano oluHlanganisiweyo loThutho loLuntu (IPTN) sango-2040 esihlaziyiweyo nesiphunyezwe liBhunga kutshanje (izicwangciso zonxibelelwano nokumiselwa kwaso).<br>ii. Sibonelela ngezaziso kuzo zonke izinto eziyinxalenye yezinto ezintandathu ezimiselweyo kwisiCwangciso sezoThutho lukaWonkewonke.<br>a. Imigaqonkqubo nezicwangcisobuchule;<br>b. Imithombo yolwazi yesiCwangciso sezoThuthwa sabaHamba ngoLoliwe ezifana nesiCwangciso esingoMgangatho weeNkono (SLP), isiCwangciso soShishino esingoPhando eliliLinge elingokuSebenziseka kukaLoliwe (CTRFS)neziCwangciso zikaPrasa Business Plan,<br>c. Uyilo olubanzi loThungelwano kunye nesiCwangciso esingaBakhweli bakaLoliwe, ezizicatshulwa |

